# ISIMEMO SOKUNGENISWA KWEZICWANGCISO ZENDLELA YOKUSEBENZA

## Ukusebenza kweZiko loPhuhliso laBantwana abaseLula (ECD) eBosasa (kwiwadi 114)

ISebe loPhuhliso loLuntu, ubuGcisa neNkcubeko leSixeko saseKapa limema imibutho engajonganga nzuzo (iiNPO) ethembekileyo nesebenza ngokupheleleyo kwicandelo lophuculo labantwana abaselula (ECD) ukuba ingenise izicwangciso zokusebenza ezicacileyo ezijoliswe ekuqhutyweni nasekulawulweni kweziko le-ECD leSixeko, eliseBosasa (kwiwadi 114) Umfaki sicelo ophumeleleyo uzakungena kwiSivumelwano soLawulo lweZiko esisesikweni (FMA) neSixeko saseKapa.

**Iimfuno zesicwangciso sokuqhutywa komsebenzi**

- Kufuneka ubhaliswe ngokusesikweni njengeNPO kwaye ube waziwa kakuhle
- Inkqubo ye-ECD eneenkcukacha yemihla ngemihla ehambelana neminyaka.
- Isicwangciso sokusebenza esibandakanya imodeli yabasebenzi.
- Ulawulo lwemali nesicwangciso sohlahlo lwabiwomali.
- Uzinzo kunye nesicwangcisobuchule sokunyusa ingxowamali
- Izenzo zolawulo ezizizo – zibonisa ukuba umbutho usebenza njengeNPO emiselweyo hayi njengeziko elilawulwa ngumntu omnye
- Isicwangciso sothethathethwano noluntu kunye nabachaphazelekayo

**Amaxwebhu axhasayo kwisicwangciso sokuqhutywa komsebenzi**

- Isatifikethi sobhaliso esisebenzayo seNPO
- Umgaqosiseko weeNPO otyikityiweyo
- Iinkcukacha ezihlaziyiweyo zobume bezolawulo/iBhodi
- Imizuzu ubuncinane yeentlanganiso ezimbini zokugqibela zebhodi/zeekomiti
- Ubungqina bentlanganiso jikelele yamva nje yonyaka (AGM)
- Ingxelo yonyaka yamva nje kunye neengxelo zemali
- Inkqubo yokufunda/yamihla le yeECD
- Ii-CVs zabasebenzi be-ECD abaneziqinisekiso zemfundo eziqinisekisiweyo
- I-CV yeNqununu kunye nesiqinisekiso seNQF5 (inqanaba lesi5)
- Iikopi eziqinisekisiweyo zezazisi zaseMzantsi Afrika zenqununu nabafundisi ntsapho
- Izatifikethi ezisemthethweni zokungabi natyala kwabo bonke abasebenzi ngokwemigaqo yoMthetho ongaBantwana
- Ukubonelela ngobungqina bobulungu kwiforam eyaziwayo ye-ECD kwindawo leyo
- Ileta yemvume ephuma kumbutho owaziwayo wasekuhlaleni waseMfuleni/Bosasa

**Inkqubo yokhetho**

ISixeko kufuneka silandele iinkqubo zolawulo lobonelelo ngomsebenzi weziko (SCM) ngokujoliswe kuchongo nokutyunjwa kwee-NPO zangaphandle ezibhalisiweyo ezizakusebenza kwizakhiwo ezilawulwa siSixeko.

Kuya kukhethwa kuqala iiNPO ezinerekhodi eqinisekisiweyo yokusebenza kunikezelo lweenkonzo ze-ECD eBosasa (kwiwadi 114) ebonisa ulawulo oluluqilima, ukuthobela, kunye nokuthatha uxanduva lokuphendula kwezemali. Nangona kunjalo, olu khetho aluyi kukhuphela ngaphandle ezinye iiNPO ezithobela ngokupheleleyo ezisebenza eBosasa kodwa ngaphandle kwiwadi 114 ukuba ziqwalaselwe, ngaphandle kokuba ziyahlangabezana nazo zonke iimfuno zezicelo kunye neendlela zovavanyo.

**Ukungeniswa  kwezicwangciso zendlela yokuqhuba umsebenzi**

Izicwangciso zoshishino zokusebenza kweZiko loPhuhliso lwaBantwana aBaselula (ECD) zingangeniswa ngolu hlobo lulandelayo:

| Indlela yokungenisa | Umhla: | Ixesha | Indawo |
|---|---|---|---|
| Ngesandla | 27 kweyeThupha (Agasti) 2026 | ngo12:00 ngoLwesine,<br>27 kweyeThupha (Agasti) 2026 | Kwii-ofisi zeBhungana zaseKuilsrivier:<br>ibhokisi ekungeniswa kuyo ifumaneka kumagosa ezoKhuseleko. |
| Nge-imeyile | 27 kweyeThupha (Agasti) 2026 | ngo12:00 ngoLwesine,<br>27 kweyeThupha (Agasti) 2026 | CACD.ECD@capetown.gov.za |

**Nceda uqaphele ukuba abafakizicelo abasele bezifakile izicelo zokungeniswa kwezicwangciso zendlela yokusebenza zaseBosasa akufuneki baphinde bafake.**

**Ngemibuzo ungaqhagamshelana no-:**
Siphokazi Dyani
I-imeyile: CACD.ECD@capetown.gov.za

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA155/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.